## IMIBONO, IINJONGO, IMINQWENO NEZICWANGCISO ZAMACEBO

Xa kufikelelwa ku2030 uMasipala weSithili iHarry Gwala District Municipality uzakube unkqenkqeza phambili ngokuhambisa amanzi kuluntu kwiPhondo iKwaZulu-Natal. Uluntu luyakube lungcamla ngamandla kwezolimo nokhenketho.

## ISICWANGCWISO ESIQULATHIWEYO

Isebenzisana nabantu nabanye ababandakanyekayo iHarry Gwala District Municipality Iyakuqinisekisa ukubonelela ngamanzi acocekileyo, aselwayo angapheliyo neendawo zogutyulo ngokunjalo enze iinzame zokuphucula amacandelo ezolimo nokhenketho ukuze Impilo nentlalo yabantu ibengehloniphekileyo inangakumbi.

## ISISEKO SEMIGQALISELO ENGUNDOQO

Ukutyhileka • Ukubonakala Ngengxelo • Ukusabela Izimvo • Ukuzimisela nokunyaniseka



# ISIQULATHISO


| | |
|---|---|
| Ilizwi loMhleli | 04 |
| Amazwi Esikhokelo ka-Sodolophu | 05 |
| Amazwi kaMeneja kaMasipala | 07 |
| UMasipala waseHarry Gwala iBhunga Elikhulu | 08 |
| Imiceli mngeni kweenkonzo zamanzi nogutyulo lwelindle kuMasipala wesiThili iHarry Gwala | 10 |
| Indibano yotyalo mali yeHarry Gwala | 11 |
| Intlanganiso yeBhunga | 12 |
| Ukonyuswa kodonga lweKempsdale Dam kuzakunika uluntu lweGKM amanzi athembakeleyo | 15 |
| U-SASSA ubuyisela isidima nokuzethemba kubafundi base-Ezimpangeni | 17 |
| IsiThili sizoba i-map yokuhanjiswa kweenkonzo | 19 |
| Indima edlalwa lunxibelelwano ukuqhuba uphuhliso inamandla | 21 |
| Usodolophu ukhuthaza uluntu ukuba lusebenzisane ne-SAPS kwidabi lolwaphulo-mthetho | 22 |
| I-HDM uthethe neenkokheli zomthonyama ngezicwangciso zonyaka mali wama2024/2025 | 23 |
| Umphathiswa wesebe lezemfundo KwaZulu-Natal uncoma iziphumo ezintle ze2023 NSC | 24 |
| UMphathiswa Hlomuka utyala izigidi ukuphucula izakhiwo zeendlela kwisiThili iHarry Gwala | 25 |
| U-Masipala wesiThili iHarry Gwala usingatha intlanganiso yolutsha | 27 |
| I-KZN CoGTA ivula iziko lolawulo lwezentlekele e-Dr. Nkosazana Dlamini-Zuma Local Municipality kulingiselelo lweentlekele zobusika | 28 |
| Isikhokhelo soMasipala wesiThili iHarry Gwala utyelela iziza | 29 |
| Iinkonzo Zamanzi: Uhlaziyo Nokulondoloza | 30 |
| I-Harry Gwala District Marathon ethandekayo | 32 |
| Enye intlangano yabathandi bezemidlalo - i-Harry Gwala District Mayoral Cup 2024 | 34 |

ILIZWI LOMHLELI

# Luqalile uhambo lolawulo olusulungekileyo



**UMnu uNdabezitha Tenza**
Umphathi Wezokuxhumana

NDIVUMELENI ndibhotise ngentobeko kuni bafundi bethu abethembekileyo. Xa siphetha unyaka mali wama2023/2024, ndithanda ukwenza umbulelo ongazenzisiyo ngenkxaso yenu engagungqiyo. Inkxaso yenu iyasikhuthaza kwaye isinika umdla wokufezekisa izidingo zenu. Okwethu kulula; ukunika ingxelo kuluntu nakubahlawuli beenkonzo zikamasipala. Ushicilelo lwethu luphuma rhoqo ngekota, ngeenjongo zokunika ingxelo ngenkqubo yokuhanjiswa kweenkonzo kunye neminye imicimbi yokusebenza kukamasipala esiziqhenya ngayo. Yindlela esulungekileyo esinika ngayo ingxelo eyenza ushicilelo lwethu lunkqenkqeze phambili. Zilungiseleleni ukufumana ingxelo epheleleyo ephuma kumasebe ethu. Kwiiveki ezimbalwa ezigqithileyo (29 EyeCanzibe 2024), ilizwe loMzantsi Afrika liqhube ukhetho lwelizwe olunzima ngenxa yemeko yezopolitiko. Abantu bavakalise amazwi abo ngokuzibandakanya kolu khetho beveza uluvo lwabo. Xa siqala uhambo olutsha ngaphantsi kolawulo lwesixhenxe, siqinisekile ukuba kuzakuba khona utshintsho kwimiba yokuhanjiswa kweenkonzo. Inani labantu ababhalisele ukhetho abazizigidi ezingama27.6 lubonakalisa impumelelo yethu singu rhulumente ngokubaluleka kokuzibandakanya. Kudala silwela uluntu olumanyeneyo kweli lizwe. Olu luntu luzibandakanya kuzo zonke iinkqubo zikarhulumente, kuquka ukuvota kukhetho.

I-Municipal Systems Act (MSA) (Act 32 of 2000) chapter 4 (16) (1) igunyazisa umasipala ukuba aziqhelanise nolawulo lomasipala oluhambisana kwaye olungumzekelo worhulumento nendlela yorhulumento yokuzibandakanya, ngako oko – lukhuthaze, ludale namathuba okubandakanya uluntu kwimicimbi kamasipala. Ulawulo oluyintloko, ooCeba kunye nabaphathi boMasipala wesiThili iHarry Gwala, bamanxada-nxada balungiselela, basungula nokuphonononga icebo lophuhliso lwentlanganisela, ngokwesahluko sesihlanu salo mthetho, kuzo zonke iiwadi ukusuka kwisiThili ukuya kwezase kuhlaleni, ngokusebenzisana noogxa bethu koomasipala basekuhlaleni.

### Ingxelo ngenkxaso yesibonelelo

Ngaphezulu, inkxaso yesibonelelo yezakhiwo, nezidlala indima ebalulekileyo ukuqhubela phambili ukuhanjiswa kweenkonzo ngoncedo lwamsebe karhulument ephondo nozwelonke, izimisele ukuphelisa imiceli mngeni yezakhiwo zikamasipala ukuqinisekisa ukuhanjiswa kweenkonzo ezingundoqo, kwicala lethu, ngamanzi nogutyulo lwelindle. Kubanjwe intlanganiso yengxelo ngomhla weshumi KuTshazimpuzi 2024, kumagumbi ebhunga likaMasipala wesiThili iHarry Gwala e-Ixopo, nalapho kunikwe ingxelo ngobume benkcitho yenkxaso kubo bonke oomasipala kwisiThili, ubume bophicotho zincwadi lwangaphakathi kunye necandelo lolawulo lwezentlekele, kwakunye nobume bamasebe olawulo lwemisebenzi. Kukwafunyenwe ingxelo ngenkqubo yolungiselelo lwengxelo olufutshane okanye olwarhoqo ngekota yezimali kunye neminye imiba eyoyamene nenkcitho yenkxaso mali.

### I-Harry Gwala Marathon

Kuphinde kwasingathwa kwakhona iHarry Gwala District Marathon kwimpela veki yePasika (31 EyoKwindla 2024), eyohlukileyo kwimidyarho egqithileyo. Iimbaleki ziwuchaze lomdyarho ngezimvo ezohlukeneyo besithi ubunika umdla, uqale e-Ibisi Police Station waya kuphela e-Ixopo High School. Bekuyimincili ngelixa imbaleki yasekhaya, uMholi Jali waseMzimkhulu, ethatha indawo yokuqala kumdyarho wamadoda i42.2km. Wonke umntu umangalisekile ngethuba usodolophu uZamo Nxumalo ethabatha inxaxheba kumdyarho i10km.

### Ibhunga lolutsha

Kubanjwe iHarry Gwala Youth Summit entsuku-mbini eThe Oaks Country Hotel eRichmond, apho bekuxoxwa ngokusungulwa kwanoku sebenza kwamabhunga olutsha esiThili nasekuhlaleni. Injongo yale ntlanganiso ibikuku bandakanya uluntu kwimiba elujongene nayo kuzo zonke iinkalo zobomi, nokuncedisana nalo ngeendlela zophuhliso lolutsha. Buyaqhubeka ubudlelwane bobambisano phakathi komasipala norhulumente welizwe kunye nowephondo, incutshe nomphathiswa wesebe lezothutho, ukhuseleko loluntu kunye nokuxhumana KwaZulu-Natal uSipho Hlomuka, unikezele ngokusesikweni ngoonokhontilakhi kuphuhliso lweendlela kwisiThili, koomasipala besukuhlaleni uBuhlebezwe, eDr. Nkosazana Dlamini-Zuma, eMzimkhulu kunye neGreater Kokstad. Le migwaqo yegrabile (gravel) izakuphuculwa ifakwe itha (tar), nalapho kulindeleke ukuba kudaleke amathuba amaninzi emisebenzi.

### Ikomityi kasodolophu

IHarry Gwala District Mayoral Cup ibibanjwe ngomhla wesine kEyeCanzibe 2024 eJeffrey Zungu Sport Field e-Ixopo, emva kwezigaba zokhuphiswano lwemidlalo ekuhlaleni. Le midlalo iqale kwisigaba seeWadi, abaphumeleleyo badlala kwisigaba soomasipala basekuhlaleni, baze bagqithela kwisigaba sesiThili. Onke amaqela aphume ekuqaleni kunye nesibini ekuhlaleni ngawo athabathe inxaxheba kwi Komityi kasodolophu yesiThili.

La ngamanye amabali neengxelo eziqulathwe lolu shicilelo. Ndithanda ukwenza umbulelo kwigqiza lam lezonxibelelwano ngomsebenzi wabo omhle abawenze kolu shicilelo, nabahlala bewenza ngalo lonke ixesha besazisa uluntu lwethu ngemisebenzi yesiThili. Ndiyabulela!



**UNKS NONTUTHUKO NGUBANE**
UMXHUMANISI WOMPHAKATHI NOMASIPALA (PRO)

**UMNU LINDOKUHLE CHILIZA**
USEKELA MLAWULI: UMCWANGCISI KWEZONXIBELELWANO KWISITHILI (GCIS)

**UNKSZN FEZILE MNGONYAMA**
INTERN KWEZONXIBELELWANO

# IsiThili sisungule kwaye siqhubeka nokusungula iiprojekthi ngokoyamene nolona xanduva lwethu

Bhotani nonke bahlali besiThili iHarry Gwala.

### Masibheke umsebenzi esiwuphethileyo xa sizakuvala unyaka mali

NGOMHLA wamashumi amathathu kwEyeSilimela 2024, sizakube sivala unyaka mali wama2023/2024. Kubalulekile ukuba iqumrhu likarhulumente elinikwe uxanduva lokuhlinzeka ngamanzi nogutyulo lwelindle kwingingqi, likhuthaze bonke abahlali ngaphantsi koomasipala basekuhlaleni, abenza isiThili sethu esiphumeleleyo, ukuba bajonge emva bakhangele konke esele sikwenzile ngokwezicelo zabo. Konke oku kuyafumaneka kwakhona kolu shicilelo oluqulathe izishwankathelo zamashicilelo onyaka mali ogqithileyo. Imisebenzi yethu yenziwe ngemibono emikhulu yemiphumela kuluntu esilusebenzelayo, abantu abo, ngokomzobo nemvelaphi, uninzi lwabo luhlala ezilalini. Masikhumbuleni ukuba isiThili sisebenze ngamandla ukuphucula ukuhlinzeka ngamanzi, ekulilungelo elingundoqo, kwanokophucula isidima sogutyulo lwelindle kummi wonke kwingingqi.

IsiThili sisungule, kwaye sisaqhubeka nokusungula iiprojekthi ngokoyamene nolona xanduva lwethu, kwaye size ngamandla ukufezekisa isiqinisekiso sethu sokuba, umzi ngamnye kwisiThili ufumana amanzi akhuselekileyo aselwayo, kunye nogutyulo lwelindle olunesidima.

### Ukusungulwa kohlahlo lwabiwo mali lonyaka wama2024/2025

Kuthiwe thaca uhlahlo lwabiwo mali loMasipala wesiThili iHarry Gwala lonyaka mali wama2024/2025, kwintlanganiso epheleleyo yeBhunga kutshanje. Ndinemincili ukwazisa uluntu ukuba uhlahlo mali luvunywe ngaphandle kwamathandabuzo. Oku kuyasikhuthaza silulwawulo lwesiThili, nanjengoko kubonisa ukuba sisekhondweni elilungileyo. Uhlahlo mali oluvunywa ngaphandle kwamathandabuzo luxela ukusabela izidingo nemiceli mngeni ephakanyiswe ngabahlali kwiinkqubo zonxibelelwano noluntu, ezizobe uhlahlo lwabiwo mali lokugqibela.

Ngelixa ndisithi thaca uhlahlo mali ukuze luvunywe, ndithe, indlela esingisa kuhlahlo lwabiwo mali lokugqibela ikhethekile nanjengoko sibhoyozela iminyaka engamashumi amathathu yenkululeko yoMzanzi Afrika. Ndikwathe, uxanduva lwethu kwiminyaka engamashumi amathathu egqithileyo,



USodolophu waseHarry Gwala uCeba uZ.D Nxumalo

**IsiThili sisungule, kwaye sisaqhubeka nokusungula iiprojekthi ngokoyamene nolona xanduva lwethu, kwaye size ngamandla ukufezekisa isiqinisekiso sethu sokuba, umzi ngamnye kwisiThili ufumana amanzi akhuselekileyo aselwayo, kunye nogutyulo lwelindle olunesidima.**

ibikukubuyisela isidima nezoqoqosho kwisizwe ngokusesikweni, nokulungisa ukungalingani obekufudula kuluphawu lwengcindezelo nobandlululo, nohlahlo lwabiwo mali esiluthe thaca ukusukela ngo1984, bekuleloku qinisekisa injongo yabo yokukhulisa ezoqoqosho, ukuze benze ngcono ukulungisa ukungalingani nobandlululo, nezise linxeba kuluntu kwaye zirhuqela eludakeni izethembiso zenkululeko

Mandicacise kwakhona ukuba uMasipala wesiThili iHarry Gwala ngomnye weziThili ezilishumi kwiphondo ojamelene nomceli mngeni ofana nowezinye iziThili, ukuhambisa iinkonzo ezingundoqo kwanoku hlangabezana nokusilela. Injongo yoMasipala wesiThili kukuphucula ukuhanjiswa kweenkonzo ezizakuphucula iimpilo zabantu bonke kwisiThili. Isikhokhelo sawo senza isithembiso kuluntu lwaseHarry Gwala ukuba, sizakuqhubeka siphucule kwaye sikhawulezise ukuhanjiswa kweenkonzo, ukuze sibe ngumasipala ophala phambili. Ngokwezi zithembiso, umasipala usungule iinkqubo ezincedise ukulwa nemiceli mngeni emithathu, indlala, intswela ngqesho kunye nobandlululo. Nangona sijamelene nemiceli mngeni engafaniyo, kodwa sikwanamandla angafaniyo. Abantu bethu bomelele, iintaba zethu zityebile, umdla wethu wokuphucula iimpilo zoluntu awugunqi, nohlahlo lwabiwo mali lwama2024/2025 luhambisana nako konke oku, kwaye luzakufezekisa izidingo zoluntu, zokhe umgangatho wokukhula nempilo ende.



## Unyaka mali omtsha, siphucula izinga lokuhanjiswa kweenkonzo!

Unyaka mali omtsha uzakuqala ngomhla wokuqala kwEyeKhala 2024, phakathi kwemiceli mngeni ekufanele silwe nayo ukuqinisekisa ukusungulwa kweeprojekthi ezinkulu neenkqubo zesiThili ngamandla nangoku khawuleza. Mininzi imiceli mngeni i-HGDM ejongene nayo kwiinzame zokuhlinzeka ngeenkonzo zamanzi acocekileyo kunye nogutyulo lwelindle, le miceli mngeni iquka, nangaphezulu:

- Izakhiwo ezindala: Umasipala uyasokola ngenxa yezakhiwo ezindala zamanzi nogutyulo lwelindle, nezingumqobo endleleni yolawulo lokuhanjiswa kwezinkonzo.
- Ukonakaliswa kwazo: Izenzo zokonakaliswa kwamaziko amanzi nogutyulo lwelindle zongeza ubunzima bokusebenza kwawo, kwaye zitya umasipala ngokwezimali.
- Imithombo yamanzi enqongopheleyo: Ukunqongophala kwamaziko emithombo yamanzi ayimelani nezidingo zoluntu lwasezilalini, okukhokhelela kwiinkonzo ezingathembakalanga. Oku kulungiswa ngeeprojekthi izifana nezi: Mqumeni, Summerfield, Creighton, Bulwer Dam (kwisigaba sokucetywa), kunye neKempsdale Dam.
- Ukusilela okuqhubekayo: Oku kwenzeka ngenxa yokungqongophala kwezixhobo zokuhambisa amanzi acocekileyo nogutyulo lwelindle.
- Ukungahlawulwa kweenkonzo: Oku ngunobangela wokungabi namdla kwabaxhamli ukuhlawulela iinkonzo zamanzi nogutyulo lwelindle, ngakumbi abo abangafumani nkxaso yesibonelelo.

## Ukonyuka kwentlawulo

Isiphakamiso sokonyuswa kwentlawulo yamanzi nogutyulo lwelindle ithi mazonyuswe ngo8%, ngenxa yemeko yezoqoqosho kuMasipala wesiThili iHarry Gwala kulo nyaka olandelayo. Kuloo mazwi, ndivuyela ukunazisa ngenkqubo yetarhu kubahlali abafuna ukuthabatha eli thuba. Le nkqubo inika abo abanamatyala exesha elide ithuba lokuhlawula amatyala abo ngokupheleleyo, baze bafumane isaphulelo. Ndibongoza bonke abahlali ukuba bahlawulele iinkonzo zabo ezibalulekileyo. Awuxhasi kuphela ulawulo nokuphucuka kweenkonzo zamanzi nogutyulo lwelindle, koko uqinisekisa ukusebenza kwazo nakwi zizukulwana ezizayo. Ukuqinisekisa ukuhlawulisa okusulungekileyo, sibekele bucala imali yokufakela iimeter ezikala amanzi.

## Uhlahlo lwabiwo mali lwama2024/2025

Egameni lekomiti yebhunga, ndethula uhlahlo lwabiwo mali lwama2024/2025 oluyiR935.5 million.

Uhlahlo lwabiwo mali lume ngolu hlobo:

- Inxaso mali karhulumente - Imali R318m
- Inxaso mali karhulumente - Esebenzayo R512m
- Ingeniso yethu - R104m

Uhlahlo lwabiwo lubonisa ukuzimisela kwethu kubantu boMasipala wesiThili iHarry Gwala. Ngumzobo osingisa empumelelweni, owenzelwe ukuhlangabezana nemiceli mngeni ngelixa usendlala indlela eyakwi kamva elihle. Ndibongoza bonke abahlawuli beenkonzo zikamasipala, abahlali, oosomashishini kunye neenkokheli zasekuhlaleni ukuba sibambisane kwezi nzame. Sisonke singamenza umasipala wethu abe lilitha lempumelelo nethemba. Sanga singasebenza sonke kwikamva eliqaqambileyo loMasipala wesiThili iHarry Gwala. Ndiyabulela!

AMAZWI KAMENEJA KAMASIPALA

# Bhotani nonke bahlali, bahlawuli, kunye nabo abasebenzisana noMasipala wesiThili iHarry Gwala



**uMnu uGamakulu Ma-Art Sineke**
uMphathi kaMasipala

NDINIKENI lenyhweba kwakhona yokunxibelelana nani kweli qonga loku shwankathela, nokubalula imigushuzo yethu emininzi, iinkqubo, kunye nengxelo ngokuhanjiswa kweenkonzo ezenziwa nguMasipala wesiThili.

**Izimvo nge-IDP kunye nohlahlo lwabiwo mali**
Kubalulekile ukubandakanywa koluntu kwimiba yokuhanjiswa kweenkonzo kwilizwe lenkululeko. Ukubandakanya uluntu yindlela yokubonisa inkululeko, ukukhuthaza nobudlelwane phakathi kukarhulumente noluntu, ngakumbi ekunikezeleni ngeenkonzo ezihamba phambili nezilawulekayo. Sesi sizathu unobangela wokuba sityelele oomasipala bethu basekuhlaleni kutshanje, ukuze sithi thaca umqulu wecebo lophuhliso lentlanganisela (IDP) kunye nohlahlo lwabiwo mali.

Ngokomthetho i Municipal Systems Act: Chapter 4, kugunyaziswa ukuba uMasipala anxibelelane noluntu xa kuzotywa icebo lophuhliso lentlanganisela (IDP). Le IDP ichaza uhlahlo lwabiwo mali ngokwezicwangciso zikaMasipala.

Kungoko unyaka nonyaka, uMasipala wesiThili ekhuthaza ukuzibandakanya koluntu xa kusenziwa i-IDP kunye nohlahlo lwabiwo mali, ukuqinisekisa ukuba sihambisa ngqo iinkonzo ezidingwa luluntu. Abahlali ngabona bahlawuli beenkonzo zikamasipala, nanjengoko konke esikwenzayo kuqondene nabo. Iinkonzo esizisa eluntwini akusosinyanzelo, koko yimiyalelo ephuma ebantwini. Kungoko eli thuba singalithathi njengelokuveza ubukho bethu, koko masilithathe njengendlela yentlanganiso yonyaka, apho abahlali bebuza imibuzo, thina sibanike ingxelo ngezicelo zabo.

Ndibongoza abahlali ukuba balibambe ngazo zombini eli thuba lokuzimasa iiMbizo ze-IDP nohlahlo lwabiwo mali, nanjengoko kulithuba elibalulekile kubo lokunxibelelana ngqo nesikhokhelo somasipala, kwanoku fumana inkcazelo kwimiba yokuhanjiswa kweenkonzo.

**Intlanganiso ye-HGDM yamacebo ezicwangciso**
Njengo mbhexeshi nomhloli, kubalulekile ukuqaphela izidingo zoluntu lwethu, kwaye sigalawele imiceli mngeni enokunqanda ukufezekiswa kwezicelo zoluntu lwethu. Kungoko kutshanje, uMasipala wesiThili iHarry Gwala ubambe intlanganiso yamacebo ibiquka, isikhokhelo, abalawuli kunye nabahlawuli beenkonzo zikamasipala. Intlanganiso yecebo lezicwangciso yindlela yokunceda imibutho okanye amaziko ukwenza iminqweno ezifuna ukuyifezekisa. Ngamxhelomnye, ezi ntlanganiso zibalulekile ukuhlahla indlela kula maziko nemibutho, zikwanyanzelisa ukuba kugxilwe kwizinto esele bezenzile, kwaye benze ngcono, baphuculwe kwezisazo kwenziwa. Kumasipala wethu, oku kwenziwe ngenjongo enye, ukuphucula ubomi boluntu lwethu.

Oku, kuhambisana nonxibelelwano noluntu lwe-IDP nohlahlo lwabiwo mali, kunike umasipala isisekelo sokungena ngesantya kwiveki yokuqala yonyaka mali omtsha wama2024/2025, ozakuqala ngomhla wokuqala kwEyeKhala 2024.

Ndinqwenela ukumema wonke umntu ukuba afunde kwaye azibandakanye nolu shicilelo lwe-HGDM, nifumane ulwazi lwezinto ebezisenziwa ngumasipala wenu.


Zininzi izinto esele sizenzile kwaye asizukwazi ukuzibhala zonke kula makhasi. Xa ufuna ulwazi oluthe vetshe nezinye iingxelo, silandele kumaqonga ethu ezonxibelelwano oluntu.

Ndiyabulela!

## ABAPHATHI ABAKHULU



**UMNU UKHULANI MTHEMBENI BRIAN MZIMELA**
Imanejala kaMasipala kwiCandelo Lezezimali



**UNKSZN UNTOMBIFUTHI NOMVUSELELO FORTUNATE BUTHELEZI**
Imanejala kaMasipala kwiINkonzo yeNtlalo kunye noCwangciso loPhuhliso



**UMNU UNKULULEKO BIYASE**
Imanejala kaMasipala Iinkonzo Zezakhiwo / Ibambela



**UNKK UTHOBILE THELMA THIYANE-MAGAQA**
Imanejala kaMasipala KwiCandelo Lezemisebenzi



**UMNU ULINDUMUSA GWALA**
Mlawuli: Iinkonzo Zamanzi

# IMICELI MNGENI KWEENKONZO ZAMANZI NOGUTYULO LWELINDLE KUMASIPALA WESITHILI IHARRY GWALA

UMASIPALA wesiThili iHarry Gwala ngomnye wolawulo lweenkonzo zamanzi (SWA) ezingama144 ezonoxanduva lokuhlinzeka ngeenkonzo zamanzi nogutyulo lwelindle. Ulawulo lweenkonzo zamanzi lunoxanduva lokuqinisekisa ukuba wonke ummi woMzantsi Afrika, kwelityeli, uluntu loMasipala wesiThili iHarry Gwala, lufumana amanzi acocekileyo neenkonzo zogutyulo lwelindle ngokomthetho (Department of Water and Sanitation), kunye nemthetho ebekiweyo.

Ukuqinisekisa ukuhlinzeka neenkonzo zamanzi acocekileyo nogutyulo lwelindle kuluntu, kuquka ngaphezu kwezakhiwo. Kungoko kubalulekile ukuba nolwazi kwimiba yemiceli mngeni ejongene noxanduva loMasipala wesiThili iHarry Gwala, yokuhlinzeka ngamanzi acocekileyo nogutyulo lwelindle ngendlela esulungekileyo. Mininzi imiceli mngeni ejameleni ne-HGDM kwilinge lakhe lokuhlinzeka ngamanzi acocekileyo neenkonzo zogutyulo lwelindle, eziquka:

**Ukuguga kwezakhiwo:** Umasipala ulwa nokuguga kwezakhiwo zamanzi nogutyulo lwelindle, okungu mceli mngeni kuhanjiso lweenkonzo zamanzi nokugcinwa kwazo.

**Ukonakaliswa kwezakhiwo:** Izenzo zokonakaliswa kwezakhiwo zamanzi nogutyulo lwelindle kudala ingxaki kunye nenkcitho mali engenasidingo kumasipala.

**Ukunqongophala kwemithombo yeenkonzo zamanzi:** Ukunqongophala kolwakhiwo lweenkonzo zamanzi kudala ukungakwazi ukuhlangabezana nokukhula kwenani labantu, okukhokhelela ekusileleni kokuhanjiswa kweenkonzo.

**Inkcitho yamanxi engenangeniso:** Kubalwa ngokwesibalo sokusetyenziswa kwamanzi okuquka, ilahleko, ukuvuza, ukubikwa nokungabikwa kwamanzi.

**Ukusebenza nolawulo:** Imiceli mngeni ejongene lokusebenza kwezakhiwo zolawulo lwamanzi nogutyulo lwelindle idinga ukuqatshelwa kwangoko ukuqinisekisa ukuhanjiswa kweenkonzo okwexesha elide, kodwa iingxaki zezimali ziyalibazisa.

**Izinga leenkonzo zokuhanjiswa kwamanzi nogutyulo lwelindle:** Umasipala uzama ngandlela zonke ukuphucula izinga leenkonzo zamanzi nogutyulo lwelindle, ukuze zingqinelane nezinga elisemthethweni, ukhuseleko loluntu kunye nempilo yalo.

**Ugutyulo lwelindle elingundoqo:** Abahlali abaninzi abakafumani iinkonzo ezingundoqo zogutyulo lwelindle, nekuyinto eyehlisa isidima nempilo entle kuluntu.



**Amanzi angcolileyo kunye nokhuseleko lokusingqongileyo:** Umasipala uzama ukusombulula inkxalabo yokusingqongileyo ngokoyamene namanzi angcolileyo, ukuze kukhuseleke okusingqongileyo kunye nemithombo yamanzi.

**Ulawulo lwelindle:** Kusekhona ukusilela kulawulo lwelindle kwi-WSA. Umzekelo, ayikho inkqubo efanelekileyo kwanomsebenzi obalulekileyo welindle ngenxa yokungabikho kwezixhobo.

**Ukulandelwa kwemithetho:** Kungumceli mngeni odinga ingqwalasela ukulandelwa kwemithetho yezinga lamanzi nogutyulo lwelindle, ukuze umasipala ungabi sengxakini kwezomthetho.

**Ukusilela okuqhubekayo:** Oku kudalwa kukungabi nazixhobo zokuhlinzeka ngeenkonzo zamanzi nogutyulo lwelindle.

**Ukungaqokelelwa kakuhle kweemali:** Oku kudalwa kukungabi namdla wokuhlawula kwabaxhamli, ngakumbi abo abangafumani sibonelelo.

**Imiphumela yokuguqu-guquka kwemo yezulu:** Imithombo yamanzi kweloMzantsi Afrika zikuxinzelelo olukhulu ngenxa yokuguqu-guquka kwemo yezulu. Ilizwe lixhomekeke kumanzi angaphezu komhlaba, nalapho kusetyenziswa kakhulu amadama amakhulu. Kwelinye icala, siyehla kakhulu isikali kula madama, ekukhokhelela kwinkxalabo yokungqongophala kwawo.

Ngenxa yezinguquko ezininzi, kubalulekile ukuba kusungulwe amacebo neenkqubo ezizakusombulula le miba ekhankanyiwe. Oku kucacisa ukuba kufuneka intsebenziswano (ngabaxhamli kunye nomasipala), ukwengezwa kwezixhobo, nokuthotyelwa kwemithetho ukuqinisekisa ukufikelela kweenkonzo zamanzi nogutyulo lwelindle kumasipala, awathembekileyo, asezingeni eliphezulu, ukuze ugcine amalungelo nempilo entle yoluntu lawo.

# Indibano yotyalo mali yeHarry Gwala




**I Harry Gwala Investment Summit yesibini ebibanjelwe eSani Pass (Underberg), ngeenjongo zokugcina nokutsala utyalo mali.**

USodolophu wenze intetho kwiNgqungquthela yesi-2 yoTyalo-mali eHarry Gwala:

NAMKELEKILE kwindibano yesibini yotyalo mali yeHarry Gwala. Ubukho benu nokuzibandakanya kule ndibano yotyalo mali, kuthi siyiHarry Gwala kunye noomasipala basekuhlaleni, ibonakalisa ukuba sinesakhono nolwazi ngamathuba ezotyalo mali kunye nokukhula.

Ndiyanamkela kwisiThili sethu, ezibizwa ngegama longasekhoyo uMnu. Harry Gwala – iqhawe kwinkululeko yoMzantsi Afrika, osengumzekelo omhle kuthi nanamhlanje, mandithabathe eli thuba ndikhangele iinzame esizenzile njengelizwe kwidabi lemiceli mngeni emithathu. Nangona sijamelene notshintsho-tshintsho kwezoqoqosho ekuhlaleni nakwihlabathi, siyazi ukuba singaphumelela ukukhulisa isiThili ngobambiswano.

Indibano yalo nyaka yenziwe ngexesha sibhiyozela iminyaka engamashumi amathathu yenkululeko, kwaye kuzakubanjwa nokhetho kulo nyaka. Xa sizakuphuma ngomhla wama 29 kwEyeCanzibe 2024, sisiya kwiindawo zokuvota, sanga singangqina inkululeko, sigcine iqela lezopolitiko elizimisele ngokungabuyi mva, elingafuni siphindele kwingcindezelo nobandlululo.

Injongo yendibano yotyalo mali (singayenzanga nzima), kukugcina izinto esinazo, sitsale utyalo mali olutsha kuqoqosho lwesiThili sethu. Njengesikhokhelo sezopolitiko sesiThili, siyayiqonda indima yethu ukulungiselela okusingqongileyo, ushishino nokukhula. Ezinye zezinto esele sizenzile ziquka:

- Ukuqinisekisa ukusebenza kakuhle kwe-Harry Gwala Development Agency, ngaphantsi kwesikhokhelo sikasihlalo – uNkszn. Dlungwane, kunye ne-CEO, uNkszn. Whyte. Kwiminyaka elishumi nambini yasekwa, kungona sifumana isivuno esihle namhlanje, ngaphantsi kwesi sikhokhelo. Oku kuboniswa kukuwongwa kwayo yi-CoGTA ebutsheni balo nyaka, nalapho iwongwe njengeyesibini esebenza kakuhle kwiphondo.
- Ubudlelwane ubuneziphumo ezintle kwisiseko seHarry Gwala One Stop Shop, Harry Gwala TechnoHub, enikezela ngezakhono ezibalulekileyo kulutsha kulwazi lobuchwepheshe balemihla.
- Imiqulu evunyiweyo yezicwangciso: Izicwangciso zokukhula nophuhliso kunye nezicwangciso ezihambisana nazo: Ulawulo nokukhulisa ishishini, uphuhliso lwezoqoqosho ekuhlaleni kunye nezoqoqosho kwezendalo. Ukuvunywa kwale miqulu kuqhubeka nokuqinisekisa ukuba iiprojekthi ezicetyiweyo ziyafezekiswa

# INTLANGANISO YEBHUNGA



Ohloniphekielyo uCeba Z. D. Nxumalo




UMphathi Masipala, uMnu. G. M. Sineke, usomlomo uceba M. S. D. Mdunge kunye nosodolophu wesiThili uceba Z. D. Nxumalo

KUTHIWE thaca uhlahlo lwabiwo mali lonyaka loMasipala wesiThili iHarry Gwala wonyaka mali wama2024-2025 kutshanje, kwaye lwamkelwe ngaphandle kwamathandabuzo nanjengoko lujongene ngqo nezidingo nemiceli mngeni ephakanyiswe luluntu, ngexesha leenkqubo zonxibelelwano noluntu ezicwangcisa uhlahlo lwabiwo mali lokugqibela.

Lo msitho ohloniphekileyo nombhejembheje, ububanjelwe ePeace Initiative Hall e-Ixopo kutshanje, nalapho bekukhona abahlali, abahlawuli beenkonzo zikamasipala, oosodolophu, ooceba, abaphathi base burhulumenteni, iiNkosi kunye noosomaqhuzu kwisiThili iHarry Gwala.

Le bekuyindlela yokunika ingxelo kuluntu ngokwenziweyo ngohlahlo lwabiwo mali olugqithileyo, nokunika ingxelo ngamacebo ohlahlo lwabiwo mali olulandelayo ngokwezidingo zoluntu.

Abahlawuli beenkonzo zikamasipala kunye namaqela karhulumente banike ingxelo yabo, ngaphambi kwentetho kasodolophu wesiThili, uceba Z. D. Nxumalo. Esithi thaca uhlahlo lwabiwo mali lomasipala wakhe, uceba Nxumalo akachithanga xesha, wangqala ngqo endabeni.

"Olu hlahlo lwabiwo mali lumele umbono wethu nokuzimisela kwethu okungagungqiyo, ukuphucula iimpilo zoluntu lwethu nokuzimisela kwethu kuphuhliso olulawulekayo," kutsho usodolophu.

Usodolophu uthe, inkqubo yohlahlo mali ekhokhelela kwisivumelwano sohlahlo lwabiwo mali lokugqibela sihlukile kulo nyaka, nanjengoko kubhiyozelwa iminyaka engamashumi amathathu enkululeko yeli loMzantsi Afrika.

"Uxanduva lwethu kule minyaka engamashumi amathathu egqithilie, ibikukubuyisela isidima nezoqoqosho kwisizwe ngokusesikweni, nokulungisa ukungalingani obekufudula kuluphawu lwengcindezelo nobandlululo," utshilo uceba Nxumalo. Uthe uhlahlo mali abaluthe thaca ukusukela ngo1994, bekuleloku qinisekisa injongo yabo yokukhulisa ezoqoqosho, ukuze benze ngcono ukulungisa ukungalingani nobandlululo, nezise linxeba kuluntu kwaye zirhuqela eludakeni izethembiso zenkululeko.

"Ngokwe zibalo (Census) 2022, isibalo sabantu baseHarry Gwala sikhule sayoma ku532 000 sisuka ku461 000 ngo2016. Nangona isibalo sabantu sikhula kwisiThili sethu, urhulumente ukwazile ukusebenzisa imigaqo namacebo ancedise ukwandisa imali, ukuze kufumaneke iinkonzo ezingundoqo kuluntu lwesiThili," utshilo usodolophu Nxumalo.

Uthe ukususkela ilizwe lafumana inkululeko ngo1994, iimpilo zoluntu ziya ngokuphucuka. "Ukunikezelwa kumakhaya ngeenkonzo ezingundoqo kwisiThili, ngokwezibalo zeCensus 2022, kuphucuke kakhulu," utshilo. Isibalo sabantu abanezindlu zangasese ezigungxulwayo ezixhunywe kugutyulo lwelindle, sonyuke ngo40% ngo2022, utshilo.

Uhlahlo mali zizigqibo ezifanele ukuthathwa ngumasipala phakathi kokubaluleka kokhuphiswano okanye ukuqiniseka ngezimali, nokuphucula iimpilo zoluntu lwethu.

UMasipala wesiThili iHarry Gwala ngomnye weziThili ezilishumi kwiphondo ojamelene nomceli mngeni ofana nowezinye iziThili, ukuhambisa iinkonzo ezingundoqo kwanoku hlangabezana nemiceli mngeni. Injongo yoMasipala wesiThili kukuphucula ukuhanjiswa kweenkonzo ezizakuphucula iimpilo zabantu bonke kwisiThili. Isikhokhelo sawo senza isithembiso kuluntu lwaseHarry Gwala ukuba, sizakuqhubeka siphucule kwaye sikhawulezise ukuhanjiswa kweenkonzo, ukuze sibe ngumasipala ophala phambili. Ngokwezi zithembiso, umasipala usungule iinkqubo ezincedise ukulwa nemiceli mngeni emithathu, indlala, intswela ngqesho kunye nobandlululo.










**Abalawuli abakhulu, abaphathi kunye negqiza leBhunga loMasipala wesiThili iHarry Gwala 2024.**

Nangona iHarry Gwala ingumasipala wasezilalini, kutsho usodolophu, kodwa ujamelene nemiceli mngeni eyohlukileyo, kwaye inamandla awohlukileyo.

"Somlomo ohloniphekileyo, sinikwe eli thuba ukukhokhela esi siThili, siphinda-phinde imvelaphi. Sithabathe igqola saya phambili, saqhubeka, kwaye kuninzi esikhuphethileyo, silapha ukuzokhumbula konke okuhle esikwenzileyo kude kube lapha, nemiceli mngeni esihlangabezene nayo kunyaka mali wama2023/24, ukuze sibike icebo lethu ukuya phambili. Mininzi imiceli mngeni i-HGDM ejongene nayo kwiinzame zokuhlinzeka ngeenkonzo zamanzi acocekileyo kunye nogutyulo lwelindle," utshilo usodolophu, eqhuba esithi le miceli mngeni iquka, nangaphezulu: izakhiwo ezindala, ukonakaliswa kwazo, imithombo yamanzi enqongopheleyo, ukusilela kunye nokungahlawulwa kweenkonzo.

Usodolophu uqhubeke ngokukhankanya iimpumelelo zoMasipala wesiThili kunye neenjongo zawo zonyaka mali wama2024/25.

"Kuninzi esikwenzileyo kule minyaka egqithileyo, ukukhankanya ezimbalwa, ngamaziko angaphaya kwama25 aphuculiweyo, afana ne Tarrs Valley, Hostela, Mcweba, Mhlabashane, Ntabane, Springvale, Nyanisweni. Ukusebenza kwala maziko kuncedisa uluntu lwethu ukufumana amanzi acocekileyo athembekileyo. Umasipala wethu, ngokubambisana noCoGTA, ukwazile ukugqiba imithombo engama180 etsala amanzi ngaphantsi komhlaba (boreholes), 20 ngoncedo lukaCoGTA. Kuzakuphuculwa amaziko amanzi ngemali elinganisewa kuR36million kunyaka mali wama2024/25. Olu phuculo luquka, Kwanjunga, Raloti, Nazareth, Mfulamhle, Bhayi, Gudlicingo," utshilo.

"Somlomo ohloniphekileyo, ndivumele ndikhankanye iiprojekthi ezimbalwa zamanzi esiceba ukuzakha kunyaka mali wama2024/25, ezizakunceda uluntu lwaseHarry Gwala sisebenzisa Inkxaso Mali Yezakhiwo kaMasipala. Umasipala ubekele bucala i-R63.7million kwiNkxaso Mali Yezakhiwo kaMasipala ukuphucula umzila wemibhobho eya eBhongweni naseShayamoya," kutsho uceba Nxumalo.

**Ngaphantsi zezinye zeeprojekthi ezicetyiweyo kunyaka mali ozakuqala ngomhla wokuqala kwEyeKhala 2024.**

| IPROJEKTHI | UHLAHLO MALI |
|---|---|
| KEMPSDALE RAISING PROJECT DAMS & WEIRS | R50 827 372 |
| MNQUMENI / SANTOMBE WATER PHASE 4 DAMS & WEIR | R16 326 776 |
| CREIGHTON WATER SUPPLY_PIPES | R39 133 322 |
| GREATER SUMMERFIELD WTR SUPPLY PIPELINE | R44 767 665 |
| KWAMAY-THEEKLOOF WATER S_PIPELINE | R2 000 000 |
| MAHEHLE WATER SCHEME | R13 340 433 |
| KHUKHULELA WATER SUPPLY_PIPES | R21 392 335 |

| IPROJEKTHI | UHLAHLO MALI |
|---|---|
| MAHHAGU SANITATION PROJECT | R18 486 211 |
| UNDERBERG-HIMEVILLE SEWER UPGRADE | R1 500 000 |
| UMZIMKHULU UPGRADE PHASE 2 SEWER PIPES/MBIZWENI | R4 499 395 |
| UNIVERSAL SANITATION TOILET FACILITIES | R3 850 000 |

**Uhlahlo lwabiwo mali lohlukaniswe ngolu hlobo:**
- Inxaso mali karhulumente - Imali R318m
- Inxaso mali karhulumente - Esebenzayo R512m
- Ingeniso yethu R104m

**Isabelo:**
- Uhlalo lwabiwo mali olusebenzayo R 695,4m
- Imali R 322m

**Ingeniso yenziwa yile mithombo yongeniso elandelayo:-**

| INKXASO MALI YELIZWE | 2024/25 | 2025/26 | 2026/27 |
|---|---|---|---|
| ISABELO | R491 837 000 | R519 538 000 | R547 904 000 |
| EYEZAKHIWO ZIKAMASIPALA | R230 622 000 | R242 423 000 | R264 386 000 |
| EYOKWAKHIWA KWEMIGWAQO YASEZILALINI | R2 498 000 | R2 610 000 | R2 730 000 |
| ULAWULO LWEZIMALI | R1 200 000 | R1 300 000 | R1 400 000 |
| INKQUBO YONCEDO LWEMISEBENZI YOLUNTU | R4 460 000 | | |
| EYOLWAKHIWO LWEENKONZO ZAMANZI | R100 000 000 | R100 000 000 | R115 000 000 |
| **IYONKE** | **R 830 617 000** | **R865 871 000** | **R931 420 000** |














# Ukonyuswa kodonga lweKempsdale Dam kuzakunika uluntu lweGKM amanzi athembakeleyo



**Umphathiswa wamanzi nogutyulo lwelindle, uMnu. Senzo Mchunu kunye nosodolophu Z. D. Nxumalo, kutyelelo lwesiza eKempsdale Dam eKokstad.**

UMPHATHISWA wamanzi nogutyulo lwelindle, uSenzo Mchunu, uvakalise uvuyo lwakhe ngokuqaliswa kolwakhiwo lodonga iKempsdale Dam, ukusuka kwiimitha ezine ukuya kweziyi7.8, nanjengoko umthamo owengezelelweyo wamanzi uzakuhlangabezana nomceli mngeni wezidingo zamanzi kuluntu lweGreater Kokstad. Umphathiswa Mchunu uqhubeke waphinda isibophezelo sikarhulumente sokukhawulezisa iiprojekthi zokuhanjiswa kweenkonzo, nanjengoko amanzi esisidingo esibalulekileyo kwiinkonzo zethu, kwaye alilungelo elingundoqo eMzantsi Afrika. Umphathiswa ebekutyelelo lezemisebenzi eKokstad, kuMasipala wesiThili iHarry Gwala KwaZulu-Natal ngoLwesihlanu, umhla wesibhozo kwEyoKwindla 2024. Ebeze kubambisana nosodolophu wesiThili uceba Zamo Nxumalo, kumsitho wokuphethula isoyi kunikezelo kunokhontilakhi otyunjelwe ukwakha udonga lweKempsdale Dam. Eli gqiza beliquka usodolophu weGreater Kokstad, uceba Lwanda Madikizela, abanye oosodolophu boomasipala basekuhlaleni ngaphantsi kwesiThili, iinkokheli zomthonyama, abalawuli bamasebe kunye naboomasipala.

Le projekthi exabisa izigidi eziR160,



ekulindeleke ukuba ithathe iminyaka emithathu ukugqitywa, kulindeleke ukuba yongeze umthamo wamanzi kweli dama, ukuze kufezeke izidingo ukufikelela ku2040, kwaye liqinisekise ukuhanjiswa kwamanzi aselwayo acocekileyo, athembakeleyo kwiindawo ezinjenge dolophu yaseKokstad, iKokstad C-Max Prison, Shayamoya kunye naseBhongweni. Le projekthi iquka, ukonyuswa kodonga lweKempsdale Dam ukusuka kwiimitha ezine ukuya kweziyi7.8, kunye nokwakhiwa kwendlu yokuphehla ngezantsi kweli dama, elizakucocwa kwiziko eliyi18 megalitres ngosuku



**Kuphethulwa isoyi lokwenyuswa kodonga eKempsdale Dam.**

iKokstad Water Treatment Works.

Isidingo samanzi eKokstad ngoku yi10.35Ml ngosuku nekulindeleke ukuba izakonyukela ku14.45Ml ngosuku ngonyaka wama2030. Le projekthi izakunceda iiwadi ezisibhozo ngaphantsi komasipala wasekuhlaleni iGreater Kokstad ngamanzi angaphazamisekiyo, oneleyo kwaye ecocekile, ukugqitywa kweli linge phakathi kwesebe, oomasipala abachaphazelekayo, abahali basemafama, oosomashishini kunye nabahlali. Bethetha kwisiza ngexesha lonikezelo, umphathiswa Mchunu kunye nosodolophu uceba Nxumalo bathe, udonga lweKempsdale Dam lizakonyuswa ukusuka kwiimitha ezine ukuya kweziyi7.8, ukuqinisekisa ukuba kukhona amanzi awoneleyo elugcinweni ekuzakuhlinzekwa ngawo abahlali. “Okwenzeke kutyelelo lwam ziziphumo zokwenziwa ngumasipala ngenkxaso yethu, lizakonyuka kakhulu udonga lweli dama, kucacile ukuba iinkonzo zamanzi eKokstad zisebenza kakuhle kakhulu,” utshilo umphathiswa Mchunu.

Usodolophu wesiThili uzingqinile izimbo zomphathiswa, wagxininisa ukuba ukuphazamiseka kweenkonzo zamanzi kuza kuba yinto yezolo, emva kokwakhiwa kodonga lwedama neziko yokuphehla. “Injongo yale projekthi kukuphelisa umceli mngeni kumasipala wasekuhlaleni iGreater Kokstad, kwiminyaka engama50-100, kwaye oku, ngokucacileyo, kuzakuxhomekeka kuphuhliso lwendawo,” utshilo uceba Nxumalo. Emva komsitho wonikezelo lweKempsdale Dam, umphathiswa Mchucu kunye noceba Nxumalo babambe iingxoxo nabahlawuli beenkonzo abohlukeneyo kunye noluntu lwaseKokstad, ngeenjongo zokuva izimvo zabo, iinkxalabo neziphakamiso ngesimo sokuhanjiswa kwamanzi nogutyulo lwelindle kule ndawo. Abahlali banikezwe ithuba lokuveza iinkxalabo zabo, uninzi lwazo zoyamene



nokuphazamiseka kweenkonzo zamanzi ezindlini, kwaye abahlali abonelisekanga.

Umphathiswa Mchunu uvumile ukuba ikhona imiceli mngeni, kodwa uphinde waqinisekisa ngesibophelelo sikarhulumente sokusebenza ngamandla ukuqinisekisa ukuba iinkonzo ezingundoqo, ezifana namanzi nogutyulo lwelindle ziyaziswa ebantwini, waqhubeka ngokuthembisa ukuba esi simo sizakuba ngcono. Olu tyelelo lwenzeke kwinyanga yelizwe yamanzi, ukusuka ngomhla wokuqala ukuya kowamashumi amathathu nanye kwEyoKwindla 2024, kwengezwa kusuku lehlabathi lamanzi lezizwe ezimanyeneyo, elibekelwe umhla wama22 kwEyoKwindla rhoqo ngonyaka. Umxholo walo nyaka ubusithi “Leveraging Water for Peace,” nokhuthaza uluntu ukuba luhlulelane ngemithombo yamanzi ukuze kubekhona uxolo hayi ingxabano. Iinjongo zenyanga yamanzi zelizwe kukuzama ukufumana isisombululo namacebo okuqinisekisa ukhuseleko nolondolozo lwamanzi, nokusabela kwimiceli mngeni edalwa lungcoliseko, ukuguqu-guquka kwesimo sezulu, kunye nezikhukhula nembalela. Oku kwenziwa ngeenzame zentlanganisela nokuzibandakanya kwamasebe karhulumente, amaqumrhu abucala, ezemfundo, uluntu kunye nabahlawuli beenkonzo zikamasipala kwicandelo lamanzi.











**Njengenxalenye yenkqubo iBack-To-School, u-SASSA kunye noMasipala wesiThili iHarry Gwala banikezele ngee-uniform kubafundi base-Ezimpangeni.**

BEKULUNCUMO lodwa ngethuba abantwana abangama54 base-Ezimpangeni befumana ii-uniform zabo ezintsha kraca.

Njenge nxalenye yenkqubo iBack-To-School, kutshanje uMasipala wesiThili iHary Gwala, ngokubambisana no-SASSA, ilinge lokunikezela ngee-uniform kubantwana abangathathi ntweni lamkelwe ngabo abaxhamlileyo, inqununu, ootitshala kunye nabazali besikolo i-Ezimpangeni ngaphantsi koMzimkhulu (Ward 9)

Oku akubuyiseli kuphela isidima nokuzethemba kubafundi abangathathi ntweni, koko kukhuthaza izifundo nokuziphatha eluntwini kubafundi.

Usekela sodolophu, uceba N. Jojozi, usomlomo uceba MSD Mdunge, umanejala wesiThili wakwa-SASSA kunye nabaphathi abaphuma kula masebe bebemangalisekile kukubona uvuyo olukhulu kuluntu luphela.

Esenza intetho yakhe, usekela dolophu ceba N. Jojozi uthe, “Esi senzo siyandichukumisa ngoba xa ndicinga ngoku sasikhula, izenzo ezinje bezingekho. Akuxhamli umntwana kuphela, koko nomzali uyaxhamla, nanjengoko kuphunguleka umthwalo wenkcitho mali kuye.”

U-Mnu. K. E. Mbatha wakwa SASSA ukugxininisile ukuba, ukunikezelwa kwee-uniform yinxalenye yenkqubo yokuncedisana noluntu enjongo-mbini – ukukhuthaza ukwamkeleka nokuzingca esikolweni.

Abantwana abanintsi kwilizwe abanako oku, nguloo msantsa ke u-SASSA akazimisele ukuwuvala.

Imali echithwe kwezi uniform ilinganiselwa kuR2 700.00 (umntwana oyintombazana) neR2 500.00 (umntwana oyinkwenkwe)

Abazali kunye noluntu ngokubanzi baziswe ngezinye iintlobo zenkxaso noncedo olufumaneka kwa-SASSA.

Urhulumente usebenzisa iinkqubo ezi loluhlobo ukuze afikelele ebantwini ngenjongo yokwakha ulUntu olunenkathalo nokubuyisela isidima kubantwana abajongene nehlazo ngenxa yokungabina mpahla efanelekileyo yesikolo, nokumelana nengqele yasebusika benganxibanga shushu.

# IsiThili sizoba i-map yokuhanjiswa kweenkonzo













**Ulawulo oluyintloko ngethuba kuqhuba iseshoni yecebo lwezicwangciso.**

IZIKO ngalinye eliphumelelayo linecebo kwaye liyalazi Ikamva lalo. Kufanele licebe ngeenjongo, libeke imihla yokufezekisa loo macebo nezizathu ngaphambi kokusungula, ngakumbi oomasipala basekuhlaleni, nanjengoko bebubuso bokuhanjiswa kweenkonzo.

Esi sisizathu sokubanjwa kwendibano yezicwangciso sisikhokhelo soMasipala wesiThili iHarry Gwala kunye nabalawuli balo masipala.

Injongo yale ndibano ibikukuqinisekisa ukuba umasipala wenze amacebo alungileyo kwikamva leli ziko.

Le ndibano yezicwangciso ibigxile kwizigqibo zohlahlo lwabiwo mali ukulungiselela unyaka mali wama2024/2025. Ukugqitywa kwecebo lophuhliso lwentlanganisela (IDP), ukuphononongwa nokulungiswa kwemithetho kamsipala kunye nezicwangciso, bekuyinxalenye yeengxoxo ezingundoqo kule ndibano. Esenza intetho yakhe yokuvula, umphathi masipala uMnu. G. M. Sineke, ugxininise ukuba eyona nto ebalulekileyo kukuqinisekisa ukuba umasipala uhlinzeka uluntu lonke lwaseHarry Gwala ngamanzi acocekileyo, akhuselekileyo, alungele ukuselwa kunye nogutyulo












lwelindle olunesidima. Umphathi masipala uthe, eli lelona xanduva lomasipala elingundoqo. Uthe, ukwenza oku, kufuneka kubekhona icebo kunye nohlalo lwabiwo mali ezizakuqinisekisa ukuba konke oku kuyaphemelela. Le ndibano yezicwangciso ikwagxile ekusebenzeni kwamaziko amanzi, imithetho yeenkonzo zezakhiwo, icebo elinyaka-ntathu lesabelo zeeprojekthi, amacebo ezezimali, xa sibala ezimbalwa. OoCeba ebebeyinxalenye yale ndibano baxoxe kabanzi ukuqinisekisa uxanduva lukamasipala lokuhanjiswa kweenkonzo luyafezekiswa.

Usodolophu wesiThili uceba Zamo Nxumalo, ugxininise ukuba kubalulekile ukuba abaphathi banxibelelane nabasebenzi ngezigqibo nezivumelwano kwaye benze zonke izivumelwano ezithatyathwe kwindibano zocebo lwentlanganisela.

"Kungayinkcitho yemali, ixesha kunye neenzame zethu xa sinokuhlala apha sisenza izigqibo zokuphuhlisa iziko lethu, emva koko singazifezekisi. Kubaluleke kakhulu ukuba senze oko esizibophelele ukukwenza," kutsho usodolophu Nxumalo.












**Amalungu kunye negqiza leqela lezonxibelelwano loMasipala wesiThili iHarry Gwala.**

# Indima edlalwa lunxibelelwano ukuqhuba uphuhliso inamandla

UNXIBELELWANO olusulungekileyo ludala impumelelo kuyo neyiphi na inkqubo karhulumente. Ukusukela ekupapashweni kolwazi olubalulekileyo, ukuya ukukhuthazeni ukuzibandakanya koluntu, indima edlalwa lunxibelelwano ukuqhuba uphuhliso inamandla. Kwiminyaka engama30 egqithileyo, urhulumente wethu usebenzisa unxibelelwano ukuvala umsantsa, ukwakha ukuthembana kunye nokuvakalisa izimvo zawo kuluntu. Ukuqinisekisa amandla onxibelelwano, kusungulwe amaqela onxibelelwano ukuze aqaphe ukusebenza kwezonxibelelwano kumaqela karhulumente, njengeHarry Gwala Communicators Forum.

Iqela lesiThili lezonxibelelwano liquka abezonxibelelwano kwisiThili, kuzwelonke nasephondweni. Injongo yeli qela kukudibanisa abezonxibelelwano kumagatya omathathu karhulumente, ukudala iqonga apho abahlawuli abohlukeneyo beenkonzo zikamasipala abohlukeneyo bedibana khona ukuphucula ukuzibandakanya kwinkululeko, ukuxoxa ngemiba yonxibelelwano kuluntu, ukucebisana nokuza nezisombululo.

Ngomhla we13 kwEyoKwindla 2024, i-Harry Gwala District Communicatos Forum ibambe intlanganiso yayo yekota kumagumbi entlanganiso eHarry Gwala. Le ntlanganiso ibizimaswe ngabezonxibelelwano kuMasipala wesiThili iHarry Gwala, uBuhlebezwe Local Municipality, Umzimkhulu Local Municipality, Dr Nkosazana Dlamini-Zuma Local Municipality, Greater Kokstad Local Municipality, igqiza eliphuma kwikomishoni ezimeleyo yezokhetho (IEC), Department of Communications & Digital Technologies, Government Communications Information System, KwaZulu-Natal Department of Health, kunye namalungu esipolisa soMzantsi Afrika (South African Police Service).

Xa sijonga umgama osele uhanjwe leli qela, siyazingca ngokubona indlela elikhule ngayo. Imibono eyohlukeneyo ephuma kumalungu onke, iingxoxo ezineziphumo eziphuhlisa uluntu lwethu ngolwazi oluphuhlisa uluntu, ukukhuthaza ukuzibandakanya nokukhuthaza intsebenziswano. Kusetyenziswa imigushuzo, iingxelo eziya kuluntu kunye namaqonga afana neeMbizo, iingxoxo kune nee-IDP.

Kule ntlanganiso kuxoxwe ngesimo samalungiselelo okhetho likazwelonke lama2024 eHarry Gwala, icebo lonxibelelwano lwesiThili iHarry Gwala nezempilo e-KZN, icebo lonxibelelwano lweHarry Gwala District Marathon kunye nenkqubo yokwakhana kooceba.

# Usodolophu ukhuthaza uluntu ukuba lusebenzisane ne-SAPS kwidabi lolwaphulo-mthetho



**Kuvulwa ngokusemthethweni isikhululo senkonzo yesipolisa ephucukileyo iDonnybrook kude kufuphi nabahlali.**

KWILINGE lokuhlangabezana nezidingo zoluntu zesipolisa kwanokusondeza isipolisa kufutshane noluntu, kuvulwe kwanikezelwa ngokusemthethweni ngeziko lesipolisa iDonnybrook Police Station, kumsitho ububanjwe sisiThili iHarry Gwala kutshanje.

Umkomishinali wamapolisa welizwe uGeneral Fannie Masemole, usekela mkomishinali welizwe uLieutenant General Tebello Mosikili kunye nebambela mkomishinali wephondo laKwaZulu-Natala uMajor General Phumelele Makoba, bebephakathi kweendwalutho ebeziphethe lo msitho. Usodolophu wesiThili iHarry Gwala, uceba Z. D. Nxumalo, usodolophu weDr. Nkosazana Dlamini-Zuma Local Municipality, uceba S. Msomi kunye nabanye ooceba bebezimase lo msitho.

Eli ziko elixhobe ngokupheleleyo, linalo negumbi elilungele ukwamkela amaxhoba kunye nabasinde kwizenzo zokuxhatshazwa ngokwesini.

Ukuvulwa kweDonnybrook Police Station kubonakalisa ukuzinikezela kwenkonzo yesipolisa yeli loMzantsi Afrika kukhuseleko loluntu, nokuzisa iinkonzo zesipolisa ezidingwa luluntu kufutshane nalo.

Eli ziko lesipolisa lizakuqinisekisa ukuba uluntu lwaseDonnybrook lukhululekile, nanjengoko kukhona eli ziko elixhobileyo elibasebenzela kwindawo yalo.

I-Donnybrook Police Station kwisiThili iHarry Gwala, izakunceda nezinye iilali ezikufutshane nayo, kwaye inabasebenzi aboneleyo kunye nezinye izixhobo ezidingekayo ukulwa ulwaphulo mthetho, kwanoku qinisekisa ukuba bonke abantu abangqonge eli ziko baziva bekhuselekile.

Usodolophu wesiThili uceba Zamo Nxumalo, kumyalezo wakhe, ubongoze uluntu ukuba lusebenzisane namapolisa kwidabi eliqhubekayo lokulwa nezenzo zolwaphulo mthetho kuluntu lwethu. Usodolophu wenze umbulelo nakumapolisa ngomsebenzi wabo nokuzinikezela kwawo ukulwa nolwaphulo mthetho kwisiThili.

“Siyavuya kakhulu ngala maziko aphucukileyo amapolisa azakuncedisana noluntu lwethu. Oku kubonakalisa ukuba ngenene urhulumente wethu unenkathalo ngokuseleko loluntu lwethu, kwaye wenza konke okusemandleni ukuqinisekisa ukuba sikhuselekile. Ndithanda ukubongoza uluntu ukuba lusebenzisane namapolisa ukulwa ulwaphulo mthetho,” utshilo usodolophu Nxumalo.



**Intlanganiso yophuhliso lwentlanganisela yeeNkosi / iinkokheli zomthonyama.**

# I-HDM uthethe neenkokheli zomthonyama ngezicwangciso zonyaka mali wama2024/2025

OOMASIPALA boMzantsi Afrika kufuneka basebenzise icebo lophuhliso lentlanganela (IDP) njengendlela yokuceba uphuhliso kwiindawo zabo. Le ndlela inika ithuba kubahlali nabahlawuli beenkonzo zikamasipala, lokwenza iziphakamiso kuphuhliso loluntu, kwaye injongo yayo kukuphuhlisa uluntu, nanjengoko i-IDP kuyindlela yocebo eliquka umasipala wonke kunye noluntu lwawo ukufumana izisombululo ezingcono zophuhliso lwexesha elide.

U-Masipala wesiThili iHarry Gwala uzise icebo lophuhliso lentlanganisela (IDP) kunye nohlahlo lwabiwo mali, ukuze kuxoxwe ziinkokheli zomthonyama kunye nesiThili kutshanje, kuthiwe theca le miqulu ebalulekileyo kunye neSpatial Development Framework (SDF), kwiingxoxo neenkokheli zomthonyama, ebezibanjelwe kumagumbi ebhunga kwi-ofisi enkulu yesiThili e-Ixopo.

Iinjongo zale ndibano ibikukunika ingxelo kwiinkokheli zomthonyama ngezicwangciso zokuhanjiswa kweenkonzo kwindawo yazo.

Usomlomo wesiThili iHarry Gwala, uceba S. Mdunge, I-2024/2025 IDP/SDF/ esethula uhlahlo lwabiwo mali, uthe kubalulekile ukuba iiNkosi kunye neeNduna zibe nolwazi lwawo onke amacebo kamasipala oluntu.

“SinguMasipala wesiThili iHarry Gwala, sifuna ukwazisa indlu yeenkokheli zomthonyama ngayo yonke into esiyenzayo, amacebo ethu kunye nemiceli mngeni ukuze sifumane isisombululo. IiNkosi kufanele zazi ukuba kwenzeka ntoni kwiindawo zazo,” utshilo usomlomo Mdunge. Usihlalo weNdlu yeenkokhelo zomthonyama eHarry Gwala kunye neDeputy Prime Minister yeSizwe samaZulu, iNkosi P. Chiliza, evula le ntlanganiso, ugxininise ukuba le yintlanganiso ebalulekileyo kwiiNkosi ukuba zifumane ingxelo yezicwangciso zikamasipala ngokuhanjiswa kweenkonzo.


“Siyavuya ukuba yinxalenye yale ntlanganiso, le yintlanganiso ebalulekileyo kwiiNkosi nanjengoko sifumana ingcakciso yokuba umasipala sele uhambe umgama ongakanani ukuzisa iinkonxo eluntwini lwethu. Iinkosi kufuneka zibe yinxalenye ekuqinisekiseni ukuba uluntu lwethu lufumana iinkonzo,” utshilo uNkosi Chiliza. IiNkosi zikwakhuthazwe ukunika ingxelo kubahlali xa zineeMbizo zokuhanjiswa kweenkonzo, kwanoku nxibelelana nomasipala ngembalelwano ngaphandle kokulinda iindibano ezilolu hlobo ukuze bafumane iimpendulo.

IiNkosi zenze umbulelo kule ndibano ngobudlelwane obuhle phakathi kweeNkosi zesiThili kunye nomasipala. Bakwacele ukuba baziswe rhoqo xa kukhona uphuhliso kwiindawo zawo ukuze nabo bazonika iingcebiso apho kunesidingo.

U Masipala wesiThili iHarry Gwala usingathe Iimbizo ze-IDP nohlahlo lwabiwo mali, utyelela iiwadi ezohlukeneyo ngaphantsi koomasipala basekuhlaleni uBuhlebezwe, iDr. Nkosazana Dlamini- Zuma, uMzimkhulu kunye neGreater Kokstad.

# Umphathiswa wesebe lezemfundo KwaZulu-Natal uncoma iziphumo ezintle ze2023 NSC








**Umphathiswa wezemfundo, uMbali Frazer kunye nosodolphu Z. D. Nxumalo bebhiyozela iziphumo ezintle zesiThili zeNSC zika 2023.**

U-MASIPALA wesiThili iHarry Gwala, ngokubambisana nesebe lezemfundo KwaZulu-Natal, benze umsitho wokubhiyozela iziphumo ezincomekayo zeNSC (National Senior Certificate) 2023.

Lo msitho ohloniphekileyo ububanjelwe ePeace Initiative Hall e-Ixopo, nalapho umphathiswa wezemfundo KwaZulu-Natal, uMbali Frazer, efumene ukwamkelwa ngezandla ezishushu ngusodolophu wesiThili iHarry Gwala uceba Z. D. Nxumalo. Abaphathi, abalawuli besebe lezemfundo kunye nabanye abahlawuli beenkonzo zikamasipala, babonise umdla nesizotha ukubhiyozela impumelelo kwiziphumo zabafundi baka2023.

Esenza ithetho yakhe yokwamkela, usodolophu wesiThili, uceba Z. Nxumalo, ubonakalise imincili ngokuphumelela kwale ngingqi ngo87.1%. Ukwakhuthaze amasebe ohlukeneyo karhulumente ukuba ancedise ekuphuhliseni ulutsha, esithi, 'Uluntu olungakhathalelanga ulutsha lwalo, lufane nolungekheyo.'

Lo msitho uncome abafundisi ntsapho kunye nabazali abancedisa abanfundi ukuqinisekisa ukuba bakuxhobele ukubhala iimviwo zabo.

Abo abangaphumelelanga nabo abalityalwanga, koko bakhuthaziwe ukuba bangapheli mandla.

Oyintloko yesebe lezemfundo KwaZulu-Natal, uMnu. G. N. Ngcobo, uncome iqela lakhe ngokusebenza nzima ukuze bazuze le mpumelelo, wathi, "Masiqaphele ukuthi, njengokuba izinga lokupasa le 2023 NSC likwindawo yesibini kwimbali yeemviwo ze NSC, xa ibalwa ngokomyinge ekhulwini, izinga lokupasa leemviwo ze 2023 NSC lelona eliphezulu kwimbali ye NSC okangoku."

Umphathiswa ugxininise ukuba ukukhula kwezinga lokupasa lubonisa mhlophe ukuba, ukusebenzisana kunye nokuzimisela kuwo onke amasebe karhulumente kubenza abafundi baphumelele kakhulu.



**Umphathiswa Sipho Hlomuka ephethula isoyi ngokusemthethweni leP113 e-Ubuhlebezwe.**

# UMPHATHISWA HLOMUKA UTYALA IZIGIDI UKUPHUCULA IZAKHIWO ZEENDLELA KWISITHILI IHARRY GWALA

UMPHATHISWA wezothutho, ukhuseleko loluntu kunye nezokuxhumana KwaZulu-Natal, uSipho Hlomuka utyale izigidi zeerandi ukuphucula ulwakhiwo lweendlela kwisiThili iHarry Gwala.

Oku kwenzeke ngethuba enikezela ngokusesikweni ngonokhontilakhi ozakuqala ulwakhiwo lweeprojekthi ezixabisa izigidi-gidi, ngaphantsi komasipala wasekuhlaleni uBuhlebezwe kutshanje.

Ezi projekthi ziquka iindlela kunye neebhulorho ezizakudibanisa uluntu olohlukeneyo kwisiThili iHarry Gwala.


Umphathiswa Hlomuka unikezele ngonokhontilakhi ozakwakha iMain Road P113 kwaward 13, ngaphantshi komasipala wasekuhlaleni uBuhlebezwe. Le projekthi ingama 34.04km ubude kumzantsi-mpuma we-Ixopo, idibanisa iNhlamvini kunye neHighflats ngaphantsi kwalo masipala.

Ukufakelwa kwetha kumgwaqo Up113 kuzakunceda uluntu lwaseNhlavini nolwaseHighflats, ngaphantsi kolawulo lwemveli eMakhuzeni, ekhokhelwa nguNkosi Dlamini, ukuze lusebenzise le ndlela ngokhuseleko ngaphantsi kwayo neyiphi na imeko yemozolulu

Ukwakhiwa kwale ndlela kuzakunceda kuphuhliso lwezoqoqosho kule ngingqi, nanjengoko izakudala amathuba ezemisebenzi engaphaya kwekhulu ngexesha lolwakhiwo, kwaye izakunceda noonokhontilakhi basekuhlaleni abasakhasayo.

Umphathiswa Hlomuka ebehamba nosodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala, uceba Zamo Nxumalo, usodolophu womasipala wasekuhlaleni uBuhlebezwe, uceba Elizabeth Ngubo, Indlu yeenkokheli zomthonyama ekuhlaleni, ooceba basekuhlaleni kunye nabaphathi abakhulu.

Umphathiswa Hlomuka uphethe usuku lwakhe ngokunxibelelana noluntu lakwaWard 09 no13 eThuleshe Community Hall ngaphantsi komasipala









**Isebe lezothutho, ukhuseleko kunye nonxibelelwano liphethule isoyi kwimisitho emininzi ilungiselela ukwakhiwa nokuphuculwa kwemigwaqo kwisiThili neendawo ezingqongileyo.**

wasekuhlaleni uBuhlebezwe.

Usodolophu Nxumali uthe, liphupho lakhe ukubona olu phuhliso kwilali yakhe, uthe, olu phuhliso luchaza lukhulu kuluntu lwaseThulashe.

Umphathiswa Hlomuka uqhubeke wazisa ukwakhiwa kwe-Ingudwini River Bridge, ukwakhiwa komgwaqo uP-123 kunye nokuphuculwa kweR422 neP7/3.

Ukwakhiwa kwezi projekthi ezinkulu kubalulekile ukudibanisa uluntu lweDr. Nkosazana Dlamini-Zuma Local Municipality kwaye zizakudala amathuba emisebenzi adingeka kakhulu.

Umphathiswa Hlomuka ukwanikezele ngonokhontilakhi ozakwakha Ingudwini River Bridge, ekwaward 15 kwindawo iSandanezwe. Le bhulorho ixabisa i-R23million, izakunceda uluntu lwasekuhlaleni ukufikelela kwizikolo nezinye iindawo zoluntu.

Umgwaqo u-P123 uzakuphuculwa ufakelwe itha. Lo mgwaqo uziikhilomitha eziyi7.1 kwaye uzakwakhiwa ngexabiso elizizgidi eziyiR177million. Angaphaya kwama55 amathuba emisebenzi ekulindeleke ukuba adaleke. Lo mgwawo unqumla eGqumeni naseMkhuzeni kwaye uzakwenza kube lula ukuhamba koluntu kuyo neyiphi na imeko yemozulu.

Umphathiswa Hlomuka uqhubeke wanikezela ngokusesikweni ngoonokhontilakhi bokuphucula u-P601/1 kunye ne-P603 ngaphantsi komasipala iGreater Kokstad.

# U-Masipala wesiThili iHarry Gwala usingatha intlanganiso yolutsha








**Umasipala wesiThili iHarry Gwala uqhube ngempumelelo indibano yolutsha e-Oaks Country Hotel eRichmond. Iingxoxo bezishushu kule ndibano. Le ndibano ebintsuku-mbini ibizinyaswe lulutsha oluphuma kwindawo zonke kwisiThili.**

NGOKOLWAKHISO lweekhansile zokusebenza zolutsha ekuhlaleni, uMasipala wesiThili iHarry Gwala usingathe ngempumelelo intlanganiso yolutsha e-Oaks Country Hotel eRichmond. Kule ntlanganiso bekubanjwe iingxoxo zenkqubela phambili.

Ukungqina oku, ulutsha lwesiThili iHarry Gwala, ngexesha lentlanganiso, belunomdla ekuthabatheni izigqibo ezizakuphucula iimpilo zolutsha, nokunika ingcebiso kumathuba afana nawemisebenzi, nokukhuthaza ulutsha ukuba lube ngabaqeshi nabakhulisi bezoqoqosho.

Le ntlanganiso ibibanjwe ngaphantsi komxholo othi: "Ukukhawulezisa uphuhliso lolutsha ukuze lube nekamva eliqaqambileyo." Oku kwenzeke emva kokukhweba indibano yeNtlanganiso yolutsha kwEyoKwindla 2023.

Emele isikhokhelo somasipala wesiThili iHarry Gwala, uceba H. V. Msomi uthe, xa esenza intetho yakhe yokuvula: "le ntlanganiso makungabi yeyokuthetha njee, kodwa makuziwe nemibono ephucukileyo emayenziwe." Uqhube wathi, oku kuzakwenza izisombululo zanaphakade kwimiceli mngeni ejongene nolutsha, kwaye kubalulekile ukuba ulutsha lufune amathuba azakuluphuhlisa. Ubongoze isikhokhelo soMasipala wesiThili iHarry Gwala ukuba liqhubeke ngokuvula iminyango kulutsha.

Uceba Msomi ukhuthaze ulutsha lwesiThili ukuba luzibandakanye ngokupheleleyo kwimigushuzo neenkqubo eziphuhlisa impilo yeentsapho zalo kunye noluntu, okuzaku khokhelela ekuncipheni kolwaphulo mthetho.

Uqhubeke ngokwenza umbulelo kulutsha ngokusebenza ngokuzimisela luqinisekisa ukuphumelela kwamaphulo alolu hlobo.

Ii-ofisi zolutsha ziyafumaneka kubo bobane oomasipala basekuhlaleni, iDr Nkosazana Dlamini-Zuma, Greater Kokstad, uMzimkhulu kunye noBuhlebezwe ngaphantsi kwesiThili.

Injongo yeli phulo, ikwakukuphuhlisa likhuthaze ulutsha ukuphucula uluntu kwiindawo zalo, nokubonakalisa amandla elizwi lolutsha, ukuze kuviwe izidingo zabantu abatsha, ukuze baphuhliswe kwizidingo zabo zoluntu nakwezoqoqosho.

Kuthethwe ngemiba eyohlukeneyo ethinta ulutsha kunye noluntu lwesiThili iHarry Gwala ngokubanzi, kwaze kavezwa nezisombululo kwakule ntlanganiso.

Phakathi kwabahlawuli beenkonzo zikamasipala ebebezimase lo msitho, bekukhona iNational Youth Development Agency (NYDA), KwaZulu-Natal Department of Agriculture, Land Reform and Rural Development, Department of Economic Development, Tourism and Environmental Affairs, Department of Health, Harry Gwala Development Agency kunye nabanye abahlawuli beenkonzo zikamasipala.

# I-KZN CoGTA ivula iziko lolawulo lwezentlekele e-Dr. Nkosazana Dlamini-Zuma Local Municipality kulingiselelo lweentlekele zobusika







**Bekulusuku lovuyo ngethuba umphathiswa Bongi Sithole-Moloi evula ngokusesikweni iziko lezentlekele eBulwer, ngaphantsi kweDr. NDZ Municipality. Eli ziko elitsha, elinezixhobo ezibalulekileyo ezifana nezixhobo zezilumkiso kunye neenqwelo zezicimamlilo, lizakuncedisa umasipala ukuba ahlale ekulungele ukulwa neentlekele zemililo kunye nezemo yezulu embi.**

KWILINGE lokuphucula amacebo ukunciphisa ubungozi bezentlekele, isebe lolawulo lobumbano kunye nemicimbi yasemakhaya (Cogta) KwaZulu-Natal, livule iDr. Nkosazana Dlamini-Zuma Fire and Disaster Management Cenre eBulwer ngaphantsi koMasipala wesiThili iHarry Gwala kutshanje.

Eli ziko elitsha lezentlekele, lixhobe ngezixhobo eziquka, izixhobo zezilumkiso kunye neenjini zezicima-mlilo, zizakunceda umasipala ukuzilungiselela ukucima imililo kunye neentlekele zezimo ezimbi zemozulu. Ngenxa yeentlekele zomlilo ngexesha lasebusika, indawo yomasipala iDr. Nkosazana Dlamini-Zuma, engqongwe ngamahlathi kunye namaplazi, iphakathi kweendawo ezisengozini yezentlekele.

Umpahthiswa wakwa-Cogta, uBongi Sithole-Moloi, evula eliziko eliphucukileyo, ubongoze uluntu ukuba luqinisekise ukuba eli ziko alonakaliswa, kwaye lisetyenziselwa ukunceda uluntu loMasipala iDr. Nkosaza Dlamini-Zuma. Usekela sodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala, uceba Nosisa Jojozi ungqinele umphathiswa, esithi, eli ziko lizakuzisa ithemba kuluntu kwaye lizakusetyenziswa ukusindisa iimpilo.















**UMphathi Masipala, uMnu. G. M. Sineke ukhokhele utyelelo lweziza ukuyojonga inkqubo kwiiprojekthi eziqhubayo.**

# Isikhokhelo soMasipala wesiThili iHarry Gwala utyelela iziza

ISIKHOKHELO soMasipala wesiThili iHarry Gwala uzinikezele ekusebenzeni nzima ukuqinisekisa ukuba isiThili sinamanzi acocekileyo aselwayo kunye nogutyulo lwelindle olusezingeni.

Eli qela, likhokhelwe ngumphathi masipala, uMnu. G. M. Sineke, lutyelele iiprojekthi zamanzi nogutyulo lwelindle ngaphantsi komasipala uMzimkhulu, kuquka iGreater Mnqumeni Water Supply Scheme, Ibisi Sanitation isigaba 2 (Ward 11, reticulation, bulk lines, Pumpstation neRefurbishment), UMzimkhulu Bulk Sewer kunye neGreater Summerfield.

Olu tyelelo bekulithuba lokuhlola umsebenzi owenziweyo nokuqikelela ixesha lokugqitywa kwezi projekthi.

Utyelelo lwezi projekthi kunike isikhokhelo sesiThili ukuqhubeka namacebo, kwanoku chonga imiceli mngeni ephazamisana nexesha lokugqitywa kwezi projektthi.

Injongo yolutyelelo kukuqinisekisa ukuba uluntu lufumana amanzi acocekileyo kwisiThili sonke.

Umphathi masipala uMnu. Ma-Art Sineke, uthe, iqela lakhe kunye nolawulo lomasipala, bazakuqhubeka ngotyelelo lweziza kwisiThili ukuqinisekisa ukuhanjiswa kweenkonzo okusulungekileyo.

# IINKONZO ZAMANZI: UHLAZIYO NOKULONDOLOZA





## KHUKHULELA WATER SUPPLY SCHEME

Le projekthi ikuWard 05 kumasipala wasekuhlaleni iDr. Nkosazana Dlamini Zuma, kuMasipala wesiThili iHarry Gwala, kwiphondo iKwaZulu-Natal.

Kuzakwakhiwa itanki lentsimbi eliyi-1ML, nendlela yegrabile, ukuqinisekisa ukuba abahlali bafumana amanzi oneleyo nakhuselekileyo.

Ilali ezakuncedakala kule projekthi yiKhukhulela

Le projekthi ihambisana nemigaqo ye-EPWP. Unokhontilakhi uzakuqesha kangangoko anako ukuphucula iimpilo nezidingo zamanzi kule ndawo

### IINKCUKACHA ZEPROJEKTHI

**Umhla wokuqala:** 25 EyeThupha 2023
**Umhla wokugqiba:** 30 EyeSilimela 2024
**Ixabiso:** R 23 169 066,61
**Iqela leprojekthi:**
**Injineli:** BM JV Rudkor Consulting
**Unokhontilakhi:** Sihlahlasiya'hluma Construction (PTY) LTD
**Isimo sokugqitywa:** 72%

### UMSEBENZI WEPROJEKTHI

- Ukumiswa kwesiza.
- Ukucocwa kwesiza.
- Ukwakhiwa kwendlela yegrabile nemibhobho edingekayo.
- Ukwakhiwa kwetanki leZincalume eliyi-1ML.
- Ukwakhiwa kocingo lwePrecast Concrete Palisade.
- Ukwakhiwa kodonga kwiziko iKhukhulela Water Treatment Package.
- Ukumiswa kwamakhaya ethutyana abasebenzi kwisiza.
- Ukufakelwa kwesamente kwezinye iindawo kwindlela yegrabile.
- Ukwakhiwa kwesitamkoko.
- Ukulungiswa kwendawo yesiza emva komsebenzi.
- Ukuchithwa kwesiza.

## GREATER MNQUMENI WATER SUPPLY

### IMVELAPHI

Umasipala wesiThili iHarry Gwala (owayefudula engu Sisonke District Municipality), waqala ulwakhiwo lweprojekthi iMnqumeni/Santombe Water Supply ngo2009. Le projekthi inezigaba ezine: 1-4, ezinye izigaba zinezigatyana eziziiprojekthi ezizimeleyo.

Le projekthi izakunceda abahlali baseMasameni, Mnqumeni, Ndlovini, Ehlanzeni, Matyeni, Gugwini, Mahhobe, Gugwini, kwaTshali, Deepdale, Kiliva, Mantuzeleni kunye neMakhaleni

Eli ziko lenziwe embindini weendawo eziyingqongileyo, nanjengoko amaziko azimeleyo ezindawo engenayo imithombo ethembekileyo yamanzi. Ezi lali bezifumana amanzi koompompi boluntu, okanye koompompi bamanzi atsalwa ngaphantsi komhlaba; engabinawo amanzi ngamaxesha athile onyaka kwaye isonakaliswa ngabantu. Eli ziko elitsha litsala amanzi kumfula i-Ibisi, line2Ml/ngosuku ye-WTW, ekwiimitha ezingama450 ukusuka emfuleni.

Kutshanje, ngexesha lezikhukhula, kuye kwangakwazeki ukutsala amanzi emfuleni, nokuphazamise ukuhlinzekwa kwamanzi athembekileyo aselwayo. Le projekthi izakuhlangabezana neengxaki zeziko elidala, ngokutsala amanzi emfuleni, iziko lokuphehla amanzi, ukonyuswa kodonga, ukuphucula i-WTW, imibhobho, amatanki agcina amanzi.

## UKUPHUCULWA KWE-WTW (5ML/ NGOSUKU)

Kuzakuzotywa ngokupheleleyo, izixhobo, ezombane, izixhobo zokukala nokulawula, ukufakwa

kweentambo kunye nezinye izixhobo ezibalulekileyo kwindawo nganye, abasebenzi, imitshini, intsebenzo, iimoto, amanzi, umoya, umbane nazo zonke izinto ezibalulekileyo ukuze kugqitywe umsebenzi Kuzakutsalwa amanzi emfuleni i-Ibisi ukuya kwidama lokugcina amanzi kwisiza seziko lokucoca elidala.

Amanzi aselugcinweni azakucocwa kweli ziko. Amanzi acociwe azakuya kwidama elidala, amanye azakuya kwitanki elidala. Eli ziko eliphuculiweyo lizakuba ngaphakathi kwesakhiwo (plant building). Eli ziko elipheleleyo lizakuba noku okulandelayo:

- Ukuthathwa kwamanzi kumthombo ukuya kwi flocculator / flocculation basin.
- Ukufakwa kwezicoci eziquka, i-chlorine, coagulants kunye neflocculants/ flocculant aids.
- Lime Stabilization.
- Amatanki okukala izicoci.
- Ukuxutywa kwezicoci namanzi angacocwanga.
- Ukuxutywa kancinci-kancinci / flocculation kwi-flocculation basin ekhethekileyo /channel /coiled pipe okanye baffled inlet ukuya kwi-clarifier.
- Ukucocwa kwamanzi a-flocculated kwi-rectangular /round /conventional okanye i-high-rate clarifiers.
- Ukugcinwa kwamanzi acociweyokwi-pump sump/clear well.
- Ukuphehlwa kwamanzi acociweyo kwizihluzo.
- Ukuhluzwa kwamanzi acociweyo kwizuhluzo.
- Ukugcinwa kwamanzi acociweyo kwidama elikhanyayo.
- Indawo yokuchitha yezihluzo nokucocwa ngomoya.
- Ukubulawa kweentsholongwane kumanzi acociweyo nokucocwa kwezixhobo.
- Ukuphehlwa kwamanzi okugqibela ukuya kwidama elidala.
- Ukuchithwa kokungcola emva kokucocwa kwamanzi kunye namanzi aphinde asetyenziswe (udaka, amanzi angacocekanga kue namanzi okupula).

Kuzakusetyenziswa ichlorine gas ukubulala iintsholongwane kumanzi okugqibela ocecikileyo asuka kwitanki logcino ukuya kumadama amadala ukuze agqithiselwe kuluntu.

Umsebenzi we high lift pumping scheme uquka oku:

- Ukulungiswa kwesikali somzobo wezitishi zokuphehla, kuquka ukuphuculwa apho kukhona isidingo.

### IINKCUKACHA ZEPROJEKTHI

**Umhla wokuqala:** 26 EyeDwarha 2022
**Umhla wokugqiba:** 28 EyeSilimela 2024
**Unokhontilakhi:** Aqua Plan SA
**Injineli:** ECA Consulting Engineers
**Ixabiso:** R 49 494 949.49
**Isimo sokugqitywa:** 95%
**Amathuba emisebenzi:** 10

## IPROJEKTHI YOKUTSALWA KWAMANZI, IZIXHOBO ZOKUPHEHLA NOKONYUSWA KODONGA: UMSEBENZI WEMOGWAQO, OOMATSHINI NEZOMBANE

### UMSEBENZI WEPROJEKTHI

The scope and extent of work comprises the followings:

- Ukumiswa kwesiza sikanokhontilakhi nesiza soomatshini.
- Umsebenzi wethutyana wesakhiwo sokutsala amanzi.
- Ukufaka izixhasi kwilitye lesiseko.
- Ukwakhiwa kodonga eliyi 11m lesamente kwisakho sokutsala amanzi kunye nebhulorho.
- Ukwakhiwa komphandle wesamente kwisitishi sokuphehla.
- Ukufikiswa kwezixhobo zonke zokuphehla, imibhobho nezinye ezikhethekileyo.
- Ukufakelwa kwezixhobo zokuphehla, imibhobho nezinye ezikhethekileyo.
- Ukufikiswa kwisiza kombhobho i- HDPe ongama 515m of 355mm PN 12.5 PE100.
- Ukugawulwa kwemithi nokususwa kokhula kwiindlela zemibhobho.
- Ukwembiwa komzila wemibhobho ongama 515m.
- Ukulungiswa nokubulawa kweentsholongwane kumzila HDPe ongama 355mm ukuvuleka nama515m ubude.
- Ukwakhiwa kwemingxuma yeevaluva kunye neyee metre.
- Ukwakhiwa kwendlela eli180m ubude no3.5m ukuvuleka.
- Ukwakhiwa kwe gabion Retaining wall.
- Ukudilizwa kwesiza esidala.
- Ukuqokelelwa kwe gabion rock kwisiza esidala ukuze iphinde isetyenziswe.
- Ukuphuculwa nokulungiswa kweziko elidala lokucoca amanzi.
- Ukuphuculwa nokulungiswa kwezitishi ezindala zokuphehla.
- Ukuphuculwa nokulungiswa kweendonga ezindala.
- Ukuphuculwa nokulungiswa kwamatanki esamente amadala.

### IINKCUKACHA ZEPROJEKTHI

**Umhla wokuqala:** 12 EyeDwarha 2022
**Umhla wokugqiba:** 14 EyeSilimela 2024
**Unokhontilakhi:** Mabona Civils and Plant Hire
**Injineli:** ECA Consulting Engineers
**Ixabiso:** R 28 000 000.00
**Isimo sokugqitywa:** 75%
**Amathuba emisebenzi:** 19




**Iimbaleki eziphuma mbombo zone zeloMzantsi Afrika nakumazwe e-SADEC elinde ukukhala kwempempe kumgca wokuqala i2024 Harry Gwala District Marathon.**

# I-Harry Gwala District Marathon ethandekayo

U-MASIPALA wesiThili iHarry Gwala usingathe ngempumelelo iHarry Gwala District Marathon, apho abantu bephumelele ngobuninzi babo ukuya entanjeni kwibala lezemidlalo lesikolo samabanga aphakamileyo i-Ixopo kutshanje. Lo mdyarho ukwasetyenziswa ziimbaleki ukuze ziphumelele ukungenela iComrades Marathon.

Ziimbaleki ezingamakhulu amahlanu ezisuke kumgca wokuqala kwale marathon kwizigaba ezohlukeneyo, i42.2km yodumo, isiqingatha i21.1km, i10km kunye nabazihambela ngolonwabo. Usodolophu wesiThili iHarry Gwala uceba Zamo Nxumalo uthabathe inxaxheba kwisigaba se10km salo mdyarho, osingathwe ngokubambisana nguMasipala wesiThili iHarry Gwala, oomasipala basekuhlaleni uBuhlebezwe noMzimkhulu, isebe lezemidlalo, ubugcisa namasiko kunye neGenius Athletic Club.

Ophume kuqala entanjeni kumdyarho we42.2km emadodeni nguMholi Jali, othinte intambo ngexesha elizi: 02:33:45, ngelixa indawo yokuqala kwabasetyhini ithathwe ngu-Irene Ioritarency ngexesha elizi: 02:58:49.

"Ndiyazingca ngokuphumelela kumdyarho omkhulu kangaka, ndangenela lo mdyarho weHarry Gwala ngaphambili kodwa ndangaphumeleli. Kundincedile ukuziqeqesha nokuzilungiselela lo mdyarho ngendlela eyiyo. Ndiziva ndindilisekile ukuphumelela lo mdyarho ekhaya nanjengoko ndingowaseMzimkhulu. Ndiziva ndikulungele ngoku ukungenela iComrades Marathon, ndizakugijima okokuqala kwiComrades Marathon kulo nyaka. Ndinemincili ngokuphumelela lo mdyarho," utshilo uJali.


I-Harry Gwala Marathon ibisuka eMzimkhulu yaya kuphela e-Ixopo.

Enye imbaleki ephume kwindawo yesithathu kwi42.2km kwi-Harry Gwala Marathon, uNkosikhona Mhlakwana, ubulela i-Elite Athlete Development Programme (EADP) yesebe, akalilungu layo, ngempumelelo yakhe. Le mbaleki yaseHowick yaphuma kwindawo yeshumi elinanye (11) kumdyarho wakhe wokuqala kwiComrades Marathon ngo2019. Uphume kwizithuba eziphezulu kabini kwiTwo Oceans Marathon. Uthe ugxile ekwenzeni ngcono kwiComrades Marathon.

U Muzi Fodo uye wawongwa ngusodolophu wesiThili ngokuthabatha inxaxheba kulo mdyarho ngesitulo sakhe esinamavili.

"Ndiwone uMuzi Fodo ngewonga elikhethekileyo likasodolopphu ngokuthabatha inxaxheba kwakhe kwisigaba se10km ngesitulo sakhe esinamavili. Impumelelo yakhe namhlanje mayisikhuthaze ukungenela imidyarho eloluhlobo singabeki izizathu ezingekheyo zokungenzi oko. Ndithanda ukuthi huntshu kuzo zonke iimbaleki eziphumeleleyo, kunye nabo bonke abathathe ixesha labo ukuzoba yinxalenye yalo mdyarho omhle kangaka. Ngenene, sinethemba lokuba ngethuba lo mdyarho ugqiba iminyaka elishumi, uzakukhula, kwaye iimbaleki zethu zizakuzuza lukhulu kuwo, noosomashishini basekuhlaleni bazuze lukhulu nabo," kutsho usodolophu Nxumalo. U Nxumalo uthe isiThili sinethemba lokuba umdyarho ka2025 uzakuba mkhulu ubengcono kakhulu.

















**Ngaphambili, ngethuba, nasemva kokunikezelwa kweembasa kwi2024 Harry Gwala Marathon.**

Nazi isiphumo zemarathon:

**AMADODA 42.2km**
1. Mholi Jali
2. Kabelo Lesia
3. Nkosikhona Mhlakwana

**ABASETYHINI 42.2km**
1. Irene Ioritarency
2. Sheila Saina
3. Monicah Jepkorir Mengich

**AMADODA 21.1km**
1. Lebenya Nkoka
2. Letlatsa Nape
3. Lehlohonolo Ralebetele

**ABASETYHINI 21.1km**
1. Jenet Mbhele
2. Dekeledi Majara
3. Ntshangase Nokuthula

**AMADODA 10km**
1. Thabang Sekonyela
2. Tumelo Ralitabo
3. Tseliso Masiu

**ABASETYHINI 10km**
1. Busisiwe Chamane
2. Malineo Mahloko
3. Banele Favourate Mabizela

**AMADODA 10km UKUHAMBA**
1. Lucky Gumede
2. Vukani Mdunge
3. Ntokozo Majozi

**ABASETYHINI 10km UKUHAMBA**
1. Babongile Memela
2. Amahle Cebekhulu
3. Amahle Mzimba

# Enye intlangano yabathandi bezemidlalo - i-Harry Gwala District Mayoral Cup 2024




**Apha kungethuba kunikezelwa ngezipho kwiHarry Gwala District Mayoral Cup 2024.**

KULANDELA ukhuphiswawo lwezemidlalo kwisigaba sasekuhlaleni, uMasipala wesiThili iHarry Gwlala usingathe itumente yekomityi kasodolophu yesiThili kumabala ezemidlalo iJeffrey Zungu Sports ebutsheni benyanga yeCanzibe.

Le midlalo iqale ngokhuphiswano kwisigaba seewadi, abaphumeleyo badlala kwisigaba soomasipala basekuhlaleni, ngaphambi kokuba bagqithele kwisigaba sesiThili. Abaphume indawo yokuqala neyesibini kwimidlalo yekomityi kasodolophu ekuhlaleni, ngabo abathabathe inxaxheba kwimidlalo yekomityi kasodolophu yesiThili.

Usodolophu wesiThili iHarry Gwala, uceba Z. Nxumalo naye ubonise icala lakhe kwezemidlalo ngethuba engunozinti kwenye yamaqela ebedlala.

Abanye oosodolophu boomasipala basekuhlaleni nabo bebezimase le midlalo, uceba E. B. Ngubo we-uBuhlebezwe Local Municipality, uceba S. P. Msomi weDr Nkosazana Dlamini-Zuma Local Municipality, uceba J. Msiya we-Umzimkhulu Local Municipality kunye noceba M. N. L. Madikizela weGreater Kokstad Municipality.

**Amaqela adlale ibhola ekhatywayo kunye nebhola yomnyazi, baphumelele ngolu hlobo:**

**IBHOLA YOMNYAZI:**

Abaphume kuqala (Gold): ***KGM Jauguers*** - Greater Kokstad Municipality,

Indawo yesibini (Silver): ***Mhlawuli*** - Umzimkhulu Local Municipality,

Indawo yesithathu (Bronze): ***Hash Tag*** - Greater Kokstad Municipality.

**IBHOLA EKHATYWAYO (amadoda)::**

indawo yokuqala: ***Good Fellas*** - Umzimkhulu Local Municipality,

Indawo yesibin: ***Elect*** - Greater Kokstad Municipality,

Indawo yesithathu: ***Limited*** - uBuhlebezwe Local Municipality

Abaphume kwindawo yokuqala kule midlalo









angasentla bafumene imali eyiR25 000, abaphume kwindawo yesibini bafumene i-R15 000, abesithathu bona bafumana i-R10 000.

**Abadlali ababalaseleyo abawongiweyo ngokudlala kwabo, ngabalandelayo:**

**IBHOLA EKHATYWAYO**

- Unozinti wetumente: ***Dlamini Phathokuhle (Good fellas)***
- Umdlali odla emva wetumente: ***Liyabonga Phumza (Elect)***
- Umdlali wasesiswini wetumente: ***Lonwabo Nafu (Good fellas)***
- Ofake amanqaku amaninzi: ***Nkanyiso Shabalala (Ubuhlebezwe)***
- Oyena mdlali obalaseleyo wetumente: ***Sibabalwe Myeki (Elect)***

**IBHOLA YOMNYAZI**

- Ofake amanqaku amaninzi: ***Mbali Diphoko (Jaguars)***
- Obalaseleyo odlala esiswini: ***Asanda Ntshangase (Mhlawuli)***
- Unozinti obalaseleyo: ***Mandisa Mathe (Magic girls)***
- Umqeqeshi obalaseleyo: ***Nhlanhla (Mhlawuli)***
- Oyena mdlali obalaseleyo wosuku: ***Lindiswa Qini (Jaguars)***

U-Masipala wesiThili iHarry Gwala awuthathi iDistrict Mayoral Cup njengomdlalo wokuphumelela iimbasa kuphela, kodwa njengesenzo esikhuthaza uphuhliso lomntu ngamnye, uphuhliso loluntu kunye nonxibelelwano lanaphakade.

Usodolophu wesiThili, uceba Z. Nxumalo, wenze umbulelo kumaqela onke ezemidlalo, ngokubambisana kwawo noMasipala wesiThili iHarry Gwala ukuze kuphumelele iMayoral Cup. Uthembise ukuba iMayoral Cup elandelayo izakuba nkulu kwaye ibengcono, esi sethembiso usenze emva kokuba uluntu lucele ukuba kube khona nezinye iintlobo zemidlalo kwitumente elandelayo.




# XHUMANA NATHI

Idilesi Yendawo:
**40 Main Street, Ixopo, 3276**

Idilesi yeposi:
**Private Bag X501, Ixopo, 3276**

**Umnxeba: (039) 834 8700**
**Ifeksi: (039) 834 1701**
**Ukuphathwa kwamakhasinde: 0860 103 651**

Harry Gwala District Municipality
@harrygwala
@harrygwala

**www.harrygwaladm.gov.za**